Isalathiso: 20170110-7136
12/2/13/P
Imibuzo: J V Bronkhorst

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loPhuhliso kweKharityhulam ye*FET*: DCF 0003/2017

Iya: KuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli (kwaNdlunkulu nakwii-ofisi zezithili), kuBaphathi beeSekethe, kuBacebisi beZifundo, kwiiNqununu nakooSihlalo bamabhunga olawulo

Isihloko: **Uqeqesho lokuxhotyiswa ngezakhono zeprakthikhali noqheliso lweeNkcazo yoMgaqo-nkqubo weKharityhulam noVavanyo (*Curriculum and Assessment Policy Statement*) (*CAPS*)) lutitshala bezifundo zobugcisa ngethuba leeholide zesikolo zangoMatshi, ngoJuni nangoSeptemba 2017**

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (i*WCED*) lalicelwe liSebe leMfundo esiSiseko likazwelonke ukuba lazise zonke izikolo ezifundisa izifundo zobugcisa kwiPhondo leNtshona Koloni ngokuqaliswa kwezifundo ezigxininisa kubugcisa (*technical specialisation subjects*) kuqukwa i-*Technical Mathematics* kunye ne-*Technical Sciences,* zezikolo zobugcisa.

2. Zonke izikolo zazisiwe ngeNgcaciso eMfutshane yeCandelo loPhuhliso lweKharityhulam ye*FET DCF 0005/2015* ngomhla wokuqaliswa kwenkqubo leyo.

3. Impumelelo yokuqaliswa kwezifundo zobugcisa ezitsha, kuqukwa i-*Technical Mathematics* kunye ne-*Technical Sciences*, ixhomekeke ekuqeshweni kwabasebenzi abanezakhono ezifunekayo kunye nolwazi lwekhontenti.

4. Ngoko ke kuyimfuneko ukuba kuqeqeshwe utitshala abaya kufundisa izifundo zobugcisa ezitsha. ISebe i*WCED* lityumbe amaziko axhotyiswe ngokukuko akufaneleyo ukuqhuba uqeqesho lwaba titshala.

5. Kubalulekile ngoko ke ukuba basebenzisane bonke utitshala abasuka kwizikolo zobugcisa ukuqinisekisa ukuba utitshala abafundisa i-*Civil*, *Electrical* ne-*Mechanical Technology*, ne-*Technical Sciences*, bayaya kwiiseshoni ezimbini zoqeqesho lweentsuku ezintlanu ukususela ngoMvulo ukuya ngoLwesihlanu ngethuba leeholide zesikolo zikaJuni nezikaSeptemba ka-2017.

6. Utitshala abatyunjelwe ukufundisa i-*Technical Mathematic*s bamele ukuya kwiseshoni yoqeqesho lweentsuku ezintlanu ukususela ngoMvulo ukuya ngoLwesihlanu ngethuba leeholide zesikolo zangoMatshi nangoJuni ngo-2017. Iya kuba yaziswe kwakamsinya imihla neendawo ezichanekileyo.

7. Izifundo ezigxininisa kubugcisa ze-*CAPS,* i-*Technical Mathematics* ne-*Technical Sciences* zaqaliswa kwiBakala 10 ngo-2016. Ezi zifundo ziya kuqaliswa kwiBakala 11 ngo-2017 nakwiBakala 12 ngo-2018. Ngoko ke, uqheliso noqeqesho lokuxhotyiswa ngezakhono kutitshala beBakala 12 maluqhubeke ngo-2017.

8. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke utitshala esikolweni sakho ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-PAD BEETS
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WOLAWULO LWEKHARITYHULAM NOVAVANYO
UMHLA: 2017-01-16